Downloaded from Stanmorephysics.com


**IMIYALELO NENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo linamaCANDELO AMATHATHU angala:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Uvavanyo lokuqonda | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (40) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kweCANDELO NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo zakho ngokuchanekileyo ngokwendlela yokunombola esetyenzisiweyo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo ngaNYE.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | Imizuzu engama-50 |
| ICANDELO B: | Imizuzu engama-20 |
| ICANDELO C: | Imizuzu engama-50 |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

## ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA

### UMBUZO 1

1.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA A**

**OONOBANGELA NEFUTHE LOKUTSHINTSHA KWEEMO ZEMOZULU**

1 Ukutshintsha kweemo zemozulu *(climate change)* kuyenye yezinto ezibangela ukuxhalaba kwabantu elizweni jikelele kuba kuchaphazela indlela yokuphilisana kwabantu nendalo ngokubanzi. Nangona ezinye iimeko zokutshintsha kwemo yemozulu ziye zibangelwe yindalo ngokwayo; zikho kwaye zininzi nezibangelwa ngabantu. Okwenza ixhala nangakumbi kukuba ezinye zezilwanyana, izinambuzane kunye nezityalo ziza kuya zinqaba de zitshabalale. Kuya kulibaleka nokokuba zazikhe zakho apha emhlabeni. Ukutshintsha kwemo yemozulu asiyonto intsha ehlabathini, kudala ikho. Ukuqapheleka kwayo kuqale kwiminyaka embalwa egqithileyo. Olu tshintsho lutsale umdla omkhulu weengcali, zatsho zafuna ukwazi isizathu nefuthe lalo.

2 Iingcali zithi **ukutshintsha** kwemo yemozulu kubangelwa ngabantu okanye kubangelwe ziimeko zasendalweni ezingenakulawulwa mntu. Ziqhuba zithi, iqondo lobushushu bomhlaba liya linyuka ngokuhamba kwamaxesha. Loo nto ibangele iingxaki ezifana nokucutheka kwenwebu yesibhakabhaka kwanokubakho kwamanzi amaninzi emhlabeni. Ukuguquka kwemo yemozulu kubangelwa nalugqabhuko-dubulo lomhlaba; ukugqatsa kwemitha yelanga enobungozi; ukushenxa koqweqwe lomhlaba kunye nokujikeleza komhlaba ngendlela engafaniyo neyokuqala. Zonke ezi ke ziingxaki ekungekho sandla samntu kuzo. Ikwazizo nezibangela ubungozi nobunzima bokuba indalo iphilisane kakuhle nangokuzolileyo. Lilonke, ukunyuka kweqondo lobushushu bomhlaba kunefuthe elibi kwiimo zemozulu.

3 Kwiingxaki ezibangelwa ngabantu zokutshintsha kwemo yemozulu kuquka izinto abazenza ngokungaqondi okanye **ngenxa** yokungakhathali. Ngokwasendalweni, abantu bafanele ukuhlalisana kakuhle nezilwanyana kunye nezityalo. Akusoloko kunjalo! Kubakho ukuphazamisana kwabo nendalo ngokuthi benze izinto ezibangela ukuba itshabalale, iphele tu. Umzekelo, ungcoliseko lomoya olwenziwa ngabantu nolwenziwa yimizi-mveliso, lunyusa umthamo wolwandle ngokunobungozi. Oko kuthi kuchaphazele kakubi iimeko zemozulu. Kwakhona, ukugawulwa kwamahlathi, ukutshiswa kwamadlelo nokubulawa kwezilwanyana nezityalo ezithile, kukwanegalelo elibi kutshintsho lweemo zemozulu. Olo tshintsho lubi lweemo zemozulu luphinda lujike lube yintshabalalo kubantu, kwizilwanyana, kwizityalo nakwizinambuzane. Kangangokuba zininzi iintlobo zezilwanyana kunye nezeentaka ezingasafumanekiyo okanye ezicutheke kakhulu ehlabathini. Iziphumo zako konke oku kukuba ihlabathi liya lilahlekelwa kokuninzi.

Downloaded from Stanmorephysics.com


4 Ngalinye, kuyacaca ukuba ukonakaliswa kwenwebu yesibhakabhaka, isonakaliswa nazizenzo ezenziwa sithi bantu, kudala ingxaki enkulu kwiimo zemozulu. Lifikile ngoku ixesha lokuba singabantu siphucule indlela yokukuthintela konke oku. Izisombululo zokunciphisa igalelo lethu elibi kwiimo zemozulu **zi**sezandleni zethu. Konke kuxhomekeke kuthi! Xa abantu benokuyekwa baqhubeke nokwenza izinto ezinyusa izinga lokonakala kwenwebu yesibhakabhaka, kuyacaca ukuba kuya kude kuphele nkqu nabantu emhlabeni. Umbuzo ke ngowokuba liya kuba phi ke ikamva xa kunokuba njalo. Kunokuba abantu bangenzi nto ngeengxaki abajongene nazo zokonakala kwemo yemozulu, mabazame ukulungisa ukuze kusinde umhlaba nekamva lomntu wonke jikelele. Asinakuba sakuthini okusele kwenzekile kodwa singaphinda sizame ukuwukhusela umhlaba, ngokukhusela ukwanda kobungozi obuza notshintsho olubi kwiimo zemozulu. Sikwenze oku sikhumbula ukuba ihlabathi lilifa lethu nezizukulwana ezizayo. Xa wonke ubani enokufaka isandla ekukhuseleni inwebu yesibhakabhaka, singaqiniseka ukuba ihlabathi alisayi kuze litshabalale kwaye nesizukulwana siya kuba kho kwixesha elizayo.

5 Ngelokuvala, singathi ewe izinto zijikile kule mihla, azisafani nakwimihla yangaphambili. Ukuhamba kweminyaka kusibonise ukuba zininzi izinto ezidala ukutshintsha kweemo zemozulu, ezazingazange zacingwa ngaphambili ukuba zingakho. Kunjalo nje olo tshintsho lunefuthe elibi kwindalo iyonke jikelele kwaye lunamandla okuyitshabalalisa. Ngoko ke, kusabalulekile ukuba abantu kwelabo icala benze konke okusemandleni abo ukulondoloza nokukhusela indalo; ze kushiyeke ezo zingenakuthintelwa mntu iimeko.

[Sithatyathwe kwi-www.environmentalawareness.com saze saguqulelwa, salungiselelwa uviwo]

**Jonga kumhlathi 1**

1.1.1 Yintoni ebangela ukuxhalaba kwabantu elizweni? (1)

1.1.2 Nika zibe MBINI izinto ekuthiwa zingatshabalala xa abantu bengayikhuseli indalo. (2)

1.1.3 Xela le nto kuthiwa ifunwa ziingcali ngokwalo mhlathi. (1)

**Jonga kumhlathi 2**

1.1.4 Nika isithethantonye segama, 'ukutshintsha' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi. (1)

1.1.5 Khankanya zibe MBINI ingxaki ezibangelwa kukunyuka kwamaqondo obushushu bomhlaba. (2)

1.1.6 Chonga isivakalisi esisixelela ukuba iingxaki zokutshintsha kweemo zemozulu ezikhankanywe kulo mhlathi ziyazenzekela. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

**Jonga kumhlathi 3**

1.1.7 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama u-'ngenxa' elibhalwe ngqindilili kulo mhlathi lisetyenziselwe ukubonisa ...

A isenzo.
B isizathu.
C isikhalazo.
D isikhuzo. (1)

1.1.8 Cacisa okuthethwa sisivakalisi esingezantsi malunga nokuhlalisana kakuhle kwabantu nezilwanyana.

Akusoloko kunjalo! (2)

1.1.9 Chonga igama kwisivakalisi esingezantsi elizisa ulwazi lokuba isenzo siqhubekela phambili, siyenyukela.

Ihlabathi liya lilahlekelwa kokuninzi ngolu hlobo. (1)

**Jonga kumhlathi 4**

1.1.10 Sibhekisa entweni isakhi esingu – 'zi'esibhalwe ngqindilili kwisivakalisi esingezantsi?

Izisombululo zokunciphisa igalelo lethu elibi longcoliseko lomoya, **zi**sezandleni zethu. (1)

1.1.11 Xela ukuba lisetyenziselwe ntoni uphawu lokhuzo kwesi sivakalisi singezantsi.

Konke kuxhomekeke kuthi! (2)

1.1.12 Nika iziphumo eziBINI ekuthiwa zinokubakho xa abantu bezama ukulungisa iingxaki zokonakala kwemo yezulu. (2)

1.1.13 Luluvo okanye yinyani okuqulethwe yinkcaza ekrwelelwe umgca ngaphantsi kwisicatshulwa. Xhasa impendulo yakho. (2)

**Jonga kumhlathi 5**

1.1.14 Cacisa ngolwazi olufumaneka kwitekisi ukuba kutheni kubalulekile okuthethwa kwisivakalisi esikrwelelwe umgca ngaphantsi kulo mhlathi. (2)

**Jonga kwitekisi yonke**

1.1.15 Bonisa ubuchule bombhali wale tekisi ekuzalaniseni isihloko nomxholo wayo. (2)

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO**



[Uthatyathwe kwi-www.surffoundation.com]

1.2.1 Xela okuqhubeka kulo mfanekiso. (2)

1.2.2 Yintoni enokwenziwa ngabantu ukuthintela le meko isemfanekisweni? (2)

1.2.3 Nika umyalezo odluliswa ngulo mfanekiso. (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

ISICATSHULWA C esingezantsi simalunga neendlela zokucutha ungcoliseko lomoya.

Funda isicatshulwa C esingezantsi uze ubhale iingongoma eziphambili unika iingcebiso malunga neendlela zokucutha ungcoliseko lomoya.

**IMIYALELO**

1. Bhala isishwankathelo sibe kwimo yeengongoma ungadluli kumagama angama-60.
2. Nombola izivakalisi zakho ukusuka ku-1 ukuya kwisi-7.
3. Sebenzisa izivakalisi ezipheleleyo ukubhala iingongoma.
4. Sebenzisa AMAZWI AKHO kangangoko unako.
5. Bhala inani lamagama owasebenzisileyo kwizibiyeli ekupheleni kwesishwankathelo.

**ISICATSHULWA C**

**CUTHA UNGCOLISEKO LOMOYA!**

Ungcoliseko lomoya oludalwa ngumsi ophuma kwiinqwelo-mafutha ezihamba endleleni lubangela iingxaki kwindalo nasebantwini ngokubanzi. Nazi iindlela onokwenza ngazo ukuzama ukunciphisa ungcoliseko lomoya.

Cutha uhambo ngemoto ngokuthi uthenge kwiivenkile ezingekho kude kwindawo ohlala kuyo. Oku kungabangela ukuba ukwazi ukufikelela kuzo ngokuhamba ngeenyawo okanye ngebhayisekile. Iibhayisekile zona azikhuphi msi ungcolisa umoya.

Hamba nabantu abaya kwindawo oya kuyo nisebenzise imoto enye. Umzekelo, njenga xa usiya esikolweni okanye edolophini. Oku kunceda ukuba kusetyenziswe imoto enye ukukhwelisa iqela labantu. Ukuphunguka kwenani leemoto ezisendleleni kucutha ungcoliseko lomoya.

Sebenzisa isola kuba ingumbane owenziwa ngamandla avela kwindalo. Kaloku ilanga linako ukusinika umbane kungakhange kubekho lungcoliseko lomoya ekugcinweni kwaloo mbane.

Sebenzisa izixhobo zombane ezisebenzisa amandla asezantsi ombane. Ukusebenzisa zona kucutha umlinganiselo womsi okhutshwa ngamalahle ekuphehlweni kombane, kutsho kunciphe nongcoliseko lomoya.

Izinga eliphezulu lokutshiswa kwezinto eziyinkunkuma emakhaya lisesinye sezizathu sokunyuka kongcoliseko lomoya kwiindawo esihlala kuzo. Musa ukusoloko uqhumisa ngokutshisa izinto eziyinkunkuma. Iindidi zenkunkuma zikhupha umsi onobungozi ngenxa yezinto ezenziwe ngazo, oko kubangela ungcoliseko lomoya. Qinisekisa ucoceko lomoya ngokulima imithi kunye nemithana eluhlaza. Imithi nohlaza iluncedo kuba ifunxa ungcoliseko lomoya oluza nekhabhondayoksayidi.

Downloaded from Stanmorephysics.com

Ngalo lonke ixesha fundisa abantu ngeendlela zokucutha ungcoliseko lomoya. Ungakwenza oku ngokuzibandakanya namaphulo afundisa ngeendlela zokulondo-lozwa nokugcinwa kwendalo ngokubanzi.

Ungcoliseko lomoya luninzi kwiindawo ezixakekileyo nezinabantu abaninzi, oko kubeka uxanduva kuluntu ukuba luqinisekise ngococeko lomoya kwiindawo zalo. Singabantu ke singabambisana ngokwenza okusemandleni ukuthintela ungcoliseko lomoya. Ngokwenza njalo, singaqiniseka ngokuphefumla umoya ococekileyo.

[Sicatshulwe kwi-www.environmentalawareness.com, saza salungiselelwa uviwo]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com


## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

## UMBUZO 3: ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA D**




[Sithatyathwe ku-www.adobestock.com saza sahlelwa, salungiselelwa uviwo]

3.1 Chonga igama elithetha ukuba le mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso iyaqala ukubakho. (1)

3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Nika ibe NYE into ekuthiwa iluncedo ngayo le mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.4 Xela injongo yokubekwa kwebala lobumdaka kwisikipa esimhlophe kule ntengiso. (2)

3.5 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Igama, 'isigutyuli' lizisa ingcinga yokuba le mveliso imelana nokungcola ...

A okucoceka msinya.
B okucoceka nzima.
C okungazange kubekho.
D okusuka lula. (1)

3.6 Nika zibe ziBINI izizathu ezinokumtyhafisa umthengi ngokwesi sibhengezo-ntengiso, aphele engayithengi le mveliso. (2)

3.7 Ingaba inani elingama-99% elikwesi sibhengezo-ntengiso lisisiqinisekiso sokuba le mveliso iyasebenza? Xhasa impendulo yakho. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 4: IKHATHUNI**

Funda le khathuni ingezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA E**




[Ithatyathwe kwi-www.cartoonistgroup.com yalungiselelwa uviwo]

4.1 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Isikhuzo u-'Ahh-h!' esikwintetho kaTommy kwisakhelo soku-1 sibonakalisa ukuba (wothukile/wanelisekile). (1)

4.2 Yintoni ebonisa ukuba ayiphelelanga intetho kaTommy kwisakhelo soku-1? (1)

4.3 Xela igama lesixhobo sonxibelelwano esifumaneka kwisakhelo sesi-2. (1)

4.4 Intetho kaRay ekwisakhelo sesi-2 izisa ingcinga yokuba ...

A kuyamonwabisa ukungayifumani iwayifayi.
B kuyamdika ukungayifumani iwayifayi.
C kuyamkhuthaza ukungayifumani iwayifayi.
D kuyamkrokrisa ukungayifumani iwayifayi. (1)

4.5 Ngqina ukuba uvakalelo lwabalinganiswa abakwisakhelo sesi-2 lwahlukile kolukaTommy. (2)

4.6 Caphula intetho esisibaxo kwisakhelo sesi-2. (2)

4.7 Nika imfundiso efumaneka kule khathuni. (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5: IPROZI**

5.1 Funda esi sicatshulwa singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA F**

**UBUNGOZI BONGCOLISEKO LOMOYA**

Ungcoliseko lomoya lunobungozi **obukhulu** xa luyekwe lwakhula kwiindawo esihlala kuzo. Abantu bahlala kwiindawo ekuxhaphake kuzo umsi ophuma ezimotweni, umsi osuka kwiindawo ekubaswa kuzo; njalo-njalo. Ungcoliseko lomoya luyibeka esichengeni impilo yabantu kunye nendalo. Abona bantu bachaphazeleka kakhulu ngabantwana, ngamaxhego namaxhegwazana kwanabo bahleli benezifo abagula zizo kakade. Nazi ezinye zeempawu abazibonakalisayo abantu abaguliswa lungcoliseko lomoya; intloko esoloko iqaqamba, ukurhawuzela kwamehlo, kweempumlo nokomqala. Iingxaki zokuminxeka kwesifuba nokukhohlela nazo zikwabangelwa lungcoliseko lomoya. Kukho nolwazi oluthi ungcoliseko lomoya lubangela nezifo ezihambelana nentliziyo.

Ulwazi luqhuba luthi, xa abantu be**zi**nikele kwezi meko zongcoliseko lomoya bangabasemngciphekweni wokuhlaselwa sisifo somhlaza nezinye izifo ezihlasela amajoni akhusela umzimba, de abe uyasweleka umntu.

[Sicatshulwe kwi-www.environmentalawareness.com, saza salungiselelwa uviwo]

5.1.1 Nika udidi lwesichazi, 'obukhulu' esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.1.2 Chonga isibizo esiyinjongosenzi kwesi sivakalisi singezantsi.

Ungcoliseko lomoya luyibeka esichengeni impilo. (1)

5.1.3 Xela ukuba sisetyenziswe njani isimelabizo soqobo sogxininiso esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

<u>Abona</u> bantu bachaphazeleka kakhulu ngabantwana, amaxhego namaxhegwazana. (2)

5.1.4 Sebenzisa igama, 'intloko', kwisivakalisi esichanekileyo lizise enye intsingiselo, engeyiyo le ikwisivakalisi esingezantsi.

Intloko yam ibuhlungu ngenxa yongcoliseko lomoya. (2)

5.1.5 Yakha isibizo ngokudibanisa la magama mabini angezantsi.

(Iinzulu + ulwazi) zithi ungcoliseko lomoya lubangela nezifo ezihambelana nentliziyo. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com


5.1.6 Khetha impendulo echanekileyo kwizibiyeli. Isakhi esibhalwe ngqindilili u-'zi' (sisivumelanisi senjongosenzi/sisakhi sokuzenza).

Xa abantu be**zi**nikele kwezi meko … (1)

5.1.7 Xela umsebenzi wegama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi esingezantsi.

<u>Abadala</u> bangabasemngciphekweni wokuhlaselwa zizifo ngenxa yongcoliseko lomoya. (2)

5.1.8 Bhala esi sivakalisi singezantsi sibe kwixesha eladlulayo.

Abantu bayahlaselwa sisifo somhlaza. (2)

5.1.9 Lungisa iimpawu zobhalo kwesi sivakalisi silandelayo.

izifo zihlasela amajoni akhusela umzimba. (1)

5.1.10 Nika isichasi segama elibhalwe ngqindilili kwesi sivakalisi silandelayo.

Umntu onesifo somhlaza **angasweleka**. (1)

Downloaded from Stanmorephysics.com

5.2 Funda lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.

**ISICATSHULWA G: UMFANEKISO**




[Uthatyathwe kwi-www.helpsavenature.com, waza wahlelwa]

5.2.1 Sebenzisa igama elikwizibiyeli ukudibanisa ezi zivakalisi zingezantsi.

Indalo iyatshabalala. Indalo ibulawa lungcoliseko. (kuba) (2)

5.2.2 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwingxelo-ntetho.

'Ziyafa iintlanzi lungcoliseko lwamanzi', batshilo abakhuseli bendalo. (2)

5.2.3 Bhala kwakhona esi sivakalisi silandelayo sibe kwisinye.

Amaphepha ayalwenza ungcoliseko lwamanzi. (2)
**[20]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**

Downloaded from Stanmorephysics.com

basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

# SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS/
# NATIONAL SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

**ISIXHOSA ULWIMI LOKUQALA OLONGEZELELWEYO (FAL)**

**IPHEPHA LOKUQALA (P1)**

**CANZIBE/SILIMELA 2025**

**ISIKHOKELO SOKUMAKISHA**

**AMANQAKU: 80**

**Esi sikhokelo sokumakisha sinamaphepha ali-9.**

*Akuvumelekanga ukufotokopa eli phepha*

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO A: UVAVANYO LOKUQONDA**

**UMBUZO 1**

**Ukumakisha uvavanyo lokuqonda**

1. Ngenxa yokuba kugxininiswa kwingqiqo, upelo olungachanekanga neziphene zolwimi kwiimpendulo mazingohlwaywa ngaphandle kokuba ezo ziphene zitshintsha intsingiselo/ingqiqo. (Kuseyimfuneko ukuba iziphene zibonakaliswe.)

2. Ukuba umviwa usebenzisa amagama athatyathwe kolunye ulwimi olungelulo olu luviwayo, musa ukuwananza loo magama, kwaye ukuba impendulo isavakala ilungile, sukunika sohlwayo. Ukanti ke, ukuba igama elisuka kolunye ulwimi lisetyenzisiwe kwitekisi kwaye liyayincedisa impendulo, oku kuyakwamkeleka.

3. Ngokubhekiselele **kwimibuzo emalunga nokuthatha icala uze uzixhase,** akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-EWE/HAYI, noNDIYAVUMELANA/ANDIVUMELANI. Isizathu/Ukunika ubungqina/ nokuxhasa zizo ezimele ukunikwa ingqwalasela.

4. Akukho manqaku anikwayo kwiimpendulo ezingu-YINYANISO/BUBUXOKI, noYINYANI/LULUVO. Ukunika isizathu/ukunika ubungqina/ukuxhasa kukona makuthathelwe ingqalelo.

5. Xa impendulo efunwayo iligama elinye, aze umviwa anike impendulo esisivakalisi esipheleleyo, oku makumakishwe njengokuchanekileyo kuphela xa igama elichanekileyo likrwelelwe umgca ngaphantsi/ligqanyisiwe.

6. Xa kufunwa iimpendulo ezimbini/ezintathu/iingongoma ezimbini kwezintathu, aze umviwa anike ezingaphaya kweziqingqiweyo kumyalelo, makisha kuphela isibini okanye isithathu sokuqala ngokuhambelana nombuzo.

7. Kwamkele ukwahluka kwendlela yokubeka impendulo okudalwa kukusetyenziswa kweelwimi zengingqi.

8. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI, unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo.

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1 **ISICATSHULWA A**

| | | |
|---|---|---|
| 1.1.1 | Kukutshintsha kweemo zemozulu.√ | (1) |
| 1.1.2 | Zizinambuzane.√<br>Zizityalo.√<br>Zizilwanyana.√<br>[Nasiphi isibini kwezi.] | (2) |
| 1.1.3 | Sisizathu sokutshintsha kwemo yemo yemozulu√/lifuthe lokutshintsha kwemo yemozulu.√ | (1) |
| 1.1.4 | ... ukuguquka√/ukujikajika.√ | (1) |
| 1.1.5 | Kukucutheka kwenwebu yesibhakabhaka.√<br>Kukubakho kwamanzi amaninzi emhlabeni.√ | (2) |
| 1.1.6 | '... ekungekho sandla samntu kuzo.'√√ | (2) |
| 1.1.7 | B√/B√ isizathu√/isizathu.√ | (1) |
| 1.1.8 | Sithetha ukuba ayihlali isenzeka into yokuba abantu bahlalisane kakuhle nezilwanyana√√/ukuba kuyinto engenzeki ngalo lonke ixesha ukuba abantu bahlalisane kakuhle nezilwanyana.√√ | (2) |
| 1.1.9 | ... liya ...√ | (1) |
| 1.1.10 | Sibhekisa kwigama 'izisombululo'.√ | (1) |
| 1.1.11 | Lisetyenziselwe ukugxininisa ukuba singabantu sinoxanduva esinalo lokunciphisa igalelo elibi kwiimo zemozulu √√/ukuhlaba ikhwelo lokuba singabantu sithi amabanciphise igalelo elibi kwiimo zemozulu.√√ | (2) |
| 1.1.12 | Kukusinda komhlaba.√<br>Kukusinda kwekamva labantu jikelele.√ | (2) |
| 1.1.13 | Yinyani kuba nathi umhlaba sawushiyelwa sisizukulwana esingaphambili ukuze siwusebenzisele ukuziphilisa, kwaye nathi siza kubhubha siwushiye kwisizukulwana esilandelayo.√√ | (2) |

Downloaded from Stanmorephysics.com

1.1.14 Kubalulekile kuba njengoko kutshiwo kwitekisi ukuba kukuphazamisana kwabantu nendalo okubangela ukuba indalo itshabalale nto leyo enokungenzeki xa beyilondoloza indalo√√/ kuba lungcoliseko lomoya olwenziwa ngabantu olunyusa umthamo wolwandle ngokunobungozi√√/kubalulekile kuba ngokwetekisi sivezelwa izinto ezenziwa ngabantu ezichaphazela ukutshintsha kweemo zemozulu nendalo, ezinjengokutshiswa kwamadlelo, ukugawulwa kwamahlathi; ukubulawa nokutshatyalaliswa kwezityalo, izinambuzane nezinye iintaka, nto ezo ezinokungenzeki xa abantu beyikhusela indalo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo ngokomxholo wetekisi iya kwamkeleka.] (2)

1.1.15 Isihloko setekisi sithi, 'oonobangela nefuthe lokutshintsha kweemo zemozulu', ube nomxholo wetekisi ungokutshintsha kweemo zemozulu nefuthe loko endalweni√√/lube nolwazi olufumaneka kwitekisi luquka oonobangela bokutshabalala kwendalo ngenxa yeengxaki eziziziphumo zokutshintsha kwemo yemozulu.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)

1.2 **ISICATSHULWA B**

1.2.1 Kukho inkunkuma eziintlobo ezahlukileyo edada emanzini elwandle/emlanjeni√√/kwisigodo somthi esisemanzini kukho ibhegi yephepha ephuma izinto ezimdaka ezidada emanzini.√√ (2)

1.2.2 Kukuqinisekisa ukuba inkunkuma ilahlwa kwiindawo ezifanelekileyo ukuze ingathi saa idale ungcoliseko lwamanzi.√√ (2)

1.2.3 Ngowokuba abantu mabathintele ungcoliseko lwendalo ngokulahla inkunkuma kwiindawo ezifanelekileyo√√/ngowokuba abantu mabayeke ukulahla inkunkuma kwiindawo ezingafanelekanga kuba babangela ungcoliseko lwendalo.√√ (2)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**ICANDELO B: USHWANKATHELO**

**UMBUZO 2**

**Ukumakisha ushwankathelo**

Ukumakisha isishwankathelo kusekwe ekugqaleni iingongoma ezingundoqo.

Ushwankathelo malumakishwe ngolu hlobo:

- **Ulwabiwo-manqaku**
  - Amanqaku asi-7 ngeengongoma ezisi-7. (Inqaku elinye ngengongoma nganye).
  - Amanqaku ama-3 olwimi.
  - Amanqaku ewonke: 10

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi engacaphulanga ngqo.**
  - 1–3 iingongoma ezichanekileyo: Nika inqaku eli-1.
  - 4–5 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-2.
  - 6–7 iingongoma ezichanekileyo: Nika amanqaku ama-3.

- **Ulwabiwo lwamanqaku olwimi xa umfundi ecaphule ngqo.**
  - 6–7 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanganikwa NALINYE inqaku kwawolwimi.
  - 4–5 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe inqaku lolwimi LIBE LINYE.
  - 2–3 iingongoma ezicatshulwe ngqo: Makanikwe amanqaku olwimi ABE MABINI.

**QAPHELA**

- **Ubalo-magama:**
  - Abakorekishi kulindeleke ukuba baliqinisekise ukuba alidlulanga kuma-60 inani lamagama asetyenzisiweyo.
  - Musa ukuthabatha amanqaku ukuba umlingwa akalibonakalisanga inani lamagama asetyenzisiweyo okanye ukuba inani lamagama libonakaliswe ngokungachanekanga.
  - Ukuba udlule kwinani eliqingqiweyo, funda ugqibezele isivakalisi eso inani lamagama eliqingqiweyo liphela kuso ungayihoyi intsalela yesishwankathelo sakhe.

Downloaded from Stanmorephysics.com


| | **IINGONGOMA EZICATSHULWE NGQO** | | **IINGONGOMA EZISHWANKATHELWEYO** |
|---|---|---|---|
| 1. | 'Cutha uhambo ngemoto ngokuthi uthenge kwiivenkile ezingekho kude kwindawo ohlala kuyo.' | 1. | Kunciphise ukuhamba ngemoto ngokuthenga kwiivenkile ezikufutshane. |
| 2. | 'Hamba nabantu abaya kwindawo oya kuyo nisebenzise imoto enye.' | 2. | Khwela kwimoto enye nabantu abaya kwindawo oya kuyo. |
| 3. | 'Sebenzisa isola kuba ingumbane owenziwa ngamandla avela kwindalo.' | 3. | Sebenzisa isola kuba iphehlwa ngamandla endalo. |
| 4. | 'Sebenzisa izixhobo zombane ezisebenzisa amandla asezantsi ombane.' | 4. | Sebenzisa izixhobo zombane eziwusebenzisa kancinci. |
| 5. | 'Musa ukusoloko uqhumisa ngokutshisa izinto eziyinkunkuma.' | 5. | Sukusoloko uqhumisa ngokutshisa inkunkuma. |
| 6. | 'Qinisekisa ucoceko lomoya ngokulima imithi kunye nemithana eluhlaza.' | 6. | Lima imithi nemithana eluhlaza ukuqinisekisa ukusulungeka komoya. |
| 7. | 'Ngalo lonke ixesha fundisa abantu ngeendlela zokucutha ungcoliseko lomoya.' | 7. | Mawusoloko ufundisa abantu ngeendlela zokunciphisa ungcoliseko lomoya. |
| | **[58 amagama ]** | | **[ 43 amagama ]** |

**QAPHELA:** Izifinyezi okanye ii-akhronim mazingasetyenziswa kodwa ukuba zithe zavela kushwankathelo mazibalwe ngokwamagama eziwameleyo.

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI**

**Ukumakisha ICANDELO C**

1. Upelo
   - Iimpendulo ezingoogama-nye/eziligama elinye mazimakishwe njengezichanekileyo nokuba upelo aluchanekanga, ngaphandle kokuba isiphene silahla intsingiselo efunwayo yegama.
   - Kwiimpendulo ezizizivakalisi ezipheleleyo, upelo olungachanekanga luya kohlwayelwa xa isiphene sikweso sakhi solwimi sivavanywayo.
   - Xa uvavanyo lujoliswe kwisifinyezo, impendulo iya kwamkeleka xa ifakwe iimpawu zobhalo ngokuchanekileyo.

2. Izakhi zezivakalisi kufuneka zichaneke kwaye zisetyenziswe kwizivakalisi ezipheleleyo/njengoko umbuzo uyalela.

3. Ngokubhekiselele kwimibuzo ekhethisa impendulo echanekileyo, yamkela ZOMBINI unobumba ohambelana nempendulo echanekileyo KUNYE/ OKANYE impendulo ebhalwe ngokupheleleyo njengechanekileyo.

**UMBUZO 3**

3.1 Entsha.√ (1)

3.2 Kubantu abafuna ukususa amabala obumdaka atsheleyo kwimpahla yabo√/ kubantu abafuna ukususa intsila kwimpahla yabo.√ (1)

3.3 Kukucoca imithwalo yevasi engama-30.√
Kukucoca ukungcola empahleni.√
Kukususa intsila empahleni.√
[Nayiphi kwezi.] (1)

3.4 Yeyokuqinisekisa umthengi ukuba le mveliso iyawasusa amabala nakwimpahla ekhanyayo√√/kukubonisa ukuba le mveliso isetyenziswa kwimpahla emhlophe kuphela√√/ kukubonisa amandla ale sepha ekususeni amabala amdaka.√√ (2)

3.5 B√/B okucoceka nzima√/okucoceka nzima.√ (1)

3.6 Sesokungalazi ixabiso efumaneka ngalo kuba alixelwanga.√
Sesokungaxelwa kwendawo efumaneka kuyo.√ (2)

3.7 Lisisiqinisekiso sokuba iyasebenza kuba kwaukuba umthengi alibhale eli nani lingama-99% kubonakalisa ukuba uqinisekile ukuba le mveliso iyasebenza√√/ iipesenti ezingama-99 ekhulwini linani eliphezulu kakhulu nelisisiqinisekiso sokuba le mveliso iyasebenza.√√

**OKANYE**

Alisosiqinisekiso sokuba iyasebenza, kuba kwaukuba kubekwe ama-99 eepesenti, loo nto bonakalisa phandle ukuba kukho ukusilela kumandla ayo√√/umthengi akanakuqinisekiswa lulwazi aluxelelwa ngumthengisi ngokusebenza kwayo le mveliso, ubungqina bokusebenza kwayo uya kububona xa athe wayisebenzisa√√/kuba kwaukuba umthengisi angathi likhulu leepesenti loo nto ibonakalisa phandle ukuba akaqinisekanga ngamandla ayo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com


**UMBUZO 4**

4.1 wanelisekile.√ (1)

4.2 Kukusetyenziswa kwamachaphaza amathathu alandelelanayo kwintetho yakhe√/kukusetyenziswa kwe-elipsisi.√ (1)

4.3 Yiselfowuni√/yithabhlethi√/ayi-phedi.√ (1)

4.4 B√/B kuyamdika ukungayifumani iwayifayi√/kuyamdika ukungayifumani iwayifayi.√ (1)

4.5 Kunjalo, kuba uTommy wonwabele umoya omtsha, kanti bona abalinganiswa abakwisakhelo sesi-2 bakhathazwa kukungabikho kwewayifayi okanye kwesignali.√√ (2)

4.6 Sife fi! √√/kuphelile ngathi!!!√√ (2)

4.7 Yeyokuba abantu abafani ngoko ke bayahluka nangokwezinto abazibona zixabisekile√√/yeyokuba abantu bayahluka ngokwezinto ezibanelisayo√√/ asingabo bonke abantu abonwabela unxibelwano nendalo√√/yeyokuba itekhonoloji yenze ukuba singabi naxesha lokonwabela indalo.√√
[Nayiphi impendulo echanekileyo iya kwamkeleka.] (2)
**[10]**

Downloaded from Stanmorephysics.com

**UMBUZO 5**

| | | | |
|---|---|---|---|
| 5.1 | 5.1.1 | Sisiphawuli.√ | (1) |
| | 5.1.2 | impilo.√ | (1) |
| | 5.1.3 | Sisetyenziswe sandulela isibizo esiyintloko√√/sisetyenziswe phambi kwesibizo esiyintloko.√√ | (2) |
| | 5.1.4 | Intloko yesikolo sam ibuyele emsebenzini emva kokuthatha ikhefu.√√<br>Intloko kaloliwe ihlala umqhubi kaloliwe kuphela.√√<br>Intloko yesivakalisi ikholisa ukulandelwa sisenzi.√√<br>[Nasiphi isivakalisi esisemxholweni siya kwamkeleka.] | (2) |
| | 5.1.5 | Iinzululwazi.√ | (1) |
| | 5.1.6 | Sisakhi sokuzenza.√ | (1) |
| | 5.1.7 | Liyintloko yesivakalisi.√√ | (2) |
| | 5.1.8 | Abantu bahlaselwa sisifo somhlaza.√√ | (2) |
| | 5.1.9 | Izifo zihlasela amajoni akhusela umzimba.√ | (1) |
| | 5.1.10 | angaphila.√ | (1) |
| 5.2 | 5.2.1 | Indalo iyatshabalala kuba ibulawa lungcoliseko.√√ | (2) |
| | 5.2.2 | Abakhuseli bendalo bathe√ ziyafa iintlanzi lungcoliseko lwamanzi.√ | (2) |
| | 5.2.3 | Iphepha liyalwenza ungcoliseko lwamanzi.√√ | (2)<br>**[20]** |

**AMANQAKU ECANDELO C: 40**
**AMANQAKU EWONKE: 80**